higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

(Iphepha lokuqala**)**

NQF LEVEL 4

(4101244)

19 November 2020 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

019Q1N2019

IXESHA:3 IIYURE
AMANQAKU: 200

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMANE.

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda. (50)

   ICANDELO B: Ushwankathelo. (20)

   ICANDELO C: Okubonwayo. (50)

   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi. (80)

2. Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.
5. Iimpendulo zinombole ngendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha.
6. Bhala ngokucocekileyo nangokubonakalayo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

EZEMIDLALO

Ukudlala yinto akhula nayo umntu kwasebuntwaneni bakhe kodwa ngelo xesha udlala nje ukuzonwabisa kungekho khowudi agxile kuyo. Umzekelo umntwana udlala nabanye imidlalwana efana nale, undize, ukubumba iinkomo zomdongwe, unochebe, uqaphela sikhule, ugqaphu njalo – njalo. Koku kudlala kwabantwana bayaxhobiseka kwizinto ezifana nokunxibelelana, ukuthetha, ukuncedana, kwanezinye izinto ezakha umntu. Abantwana bathi bakuqalisa ukufunda bafundiswe ukudlala imidlalo ngokweekhowudi, umzekelo ukubaleka, ibhola yomnyazi, ibhola yombhoxo, isoka kwanezinye iintlobo zemidlalo. Ngelo xesha baqalisa ukudlala ngokweekhowudi badlala nje ukuba bazonwabise bengazi ukuba ngenye imini baya kudlala babe zintshatsheli ezihlawulwayo.

Ukudlala kudlala indima enkulu ukwakha umzimba kwanokuwugcina usempilweni. Isizathu soko kukuba umdlali ngamnye uzigcina elungele ukudlala ngokuthi gqolo ukwenza imithambo, elolonga umzimba ubekwinqanaba elihle elilungele imidlalo. Lo nto yenza ukuze kuqiniseke ukuba usemgaqweni wokuba ngumdlali ophilileyo nophumelelayo uthobela ukuba phantsi koqeqesho lomqeqeshi ongapheleli nje ekumqeqesheni, omakhayo nangokwesimilo.

Ukuzibandakanya kolutsha kwezemidlalo likamva eliqhakrazileyo kuba ukuba ludlale ngempumelelo lungaphela lukwisigaba sabadlali abahlawulwayo. Ukuhlawulwa kwalo kuxhomekeke kubuntshatsheli oluthe lwabuzuza. Imidlalo ibifudula ingathathelwa ntweni luninzi lwabantu ingakumbi ngeminyaka yocalu-calulo kuba uMzantsi Afrika wawukwayiwe ulikheswa. Loo minyaka yayinzima kuthandabuzeka ukuba ngenye imini kungaze kube chosi kube hele, izinto zitshintshe ziqhubeke ngendlela eyiyo nexolisayo.

Ukusungulwa kwenkqubo yedemokhrasi kubangele iinguqu kwizigaba zobomi kubandakanywa nemidlalo. Le nkqubo ikhuthaza umasilingane ayiphelelanga ukuba iqhwatyelwe izandla ngamazwe jikelele ehlabathini, ibangele ukubuyela koMzantsi Afrika kwiqonga lezemidlalo kwihlabathi. Xa kunamhlanje zonke iikhowudi zemidlalo zeli zikhuphisana nezinye zamazwe ehlabathi ngokukhululekileyo. Elinye iqonga eliphezulu lezemidlalo kwihlabathi lelo le – olimpiki elinamaqithi-qithi afumanekayo kwabo bathathe inxaxheba ngokona kuzimisela. Amaqithi – qithi afumanekayo nganjengeemedali zesilivere, bronzi negolide. Imedali ayihambi yodwa iba netikana eyikhaphayo.

Ukuba ngumdlali ozimiseleyo yindlela aye umntu abonakalise ngayo ubuzwe nobuthandazwe. Uthi ngokulimela kwakhe ilizwe lakhe kwiindibano zemidlalo kwihlabathi ngempumelelo ayizuzileyo alenze lidume liqaqambe phakathi kwamanye amazwe.

Xa kunjalo ukudlala ikwayindlela umntu akhonza ilizwe lakhe ngayo kuba xa edlala akameli yena kuphela, umela nelizwe lakhe.Udumo ngalunye alufumanayo lubangela ukuba asoloko exatyisiwe ngabemi ebekeke kwinqanaba lezihandiba nezitatanyiswa. Umbhatyazo athe wawenza ubinza njengentshuntshe yomkhonto kubalandeli nabemi belizwe lakhe. Kungoko xa ekukhuphiswano ebonakalisa uvunguzo oluphezulu ukuze abuye nodumo. Nje ukuba izinto zingathi ziza kuhamba kakubi, uvalo luyamfumana kuba esoyika ukuphoxa ilizwe lakhe.

Into ethanda ukubanga umdla ngabasetyhini abadlala imidlalo eyayifudula idlalwa ngamanene kuphela. Kule mihla sele kuyinto eqhelekileyo ukufumana iqela lebhola ekhatywayo lamanenekazi elakhe iqela lesizwe. Inene ubomi bale mihla bobunye! Uncedile nkqubo yocalu- calulo ube ngumhlanguli udede kwindawo yenyhwagi ukuze zivele zigqame iitalente zolutsha, iitalente zeentombi nonyana beli lizwe kwezemidlalo. Kungoku nje makungacingwa ukuba lo unakho lowa akanakho ukuze kuphele ukuzeya nokuzidela kokusoloko ubani ezijongele phantsi. Sivuyela ngakumbi into yokuvuleka kwamathuba nakwimidlalo kwanokunikwa kwabo bagogeke amalungu omzimba ithuba lokuba nabo bazibonakalise.

Ukuba ngumdlali likhubalo kuba umdlali ufuna izinto ezimbangela ukuba aphile emzimbeni nasemphefumlweni. Umdlali onguye ukhula ukukwazi ukuzixabisa, ukuzithemba, akwazi ukuthatha isigqibo, ukunxibelelana naye nabani na nokuzicwangcisa kakuhle izinto. Uye azi nzulu ngokhuphiswano nezinto ezihamba nalo. Umzekelo, uyakwazi ukumelana nokungaphumeleli endaweni yokuzenzakalisa, axoze miphini yimbi eya kubangela ukuba abuye aphumelele.

Xa kudlalwa kwilizwe lakhe ukhulisa imveliso noqoqosho kuba abo beze kumbukela baphela beneentwana–ntwana abazithengayo. Ingeniso ithi xhaxhe xa uMzantsi Afrika udlala nelinye ilizwe. Umzekelo, ngethuba lendebe yehlabathi yebhola ekhatywayo amazwe ngamazwe enza ingeniso engathethekiyo. Ubukho beqela lesizwe iBafana Bafana kuzakuzelela ukuxhamla koMzantsi Afrika kwimveliso noqoqosho. Nakulanyaka uMzantsi Afrika wawusingathe imidlalo yeCommon Wealth kwidolophu yaseThekwini ilizwe lethu lazuza kwezoqoqosho kuba abakhenkethi bachitha imali eninzi. Ukudlala yenye yeenkonzo eziphambili kwilizwe ngalinye.

[Sicatshulwe kwincwadi ‘Masikhanyise’ ebhalwe nguX.Njaba nabanye sahlelwa.]

1.1 Yintoni umdlalo? (2)

1.2 Chaza nayiphi imidlalwana EMIBINI yasebuntwaneni echatshazelwa kwesi sicatshulwa? (2)

1.3 Baxhobiseka njani abantwana yile midlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.4 Xela ukuba ukudlala imidlalo ngokweekhowudi kudlala ndima yiphi emntwaneni. (1)

1.5 Bhala isivakali esiphuhlisa intsingiselo eyahlukileyo yegama ‘isoka’ ngaphandle kwale ilapha kwisicatshulwa? (2)

1.6 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba ukudlala ngeekhowudi ingayindlela yokuziphilisa (1)

1.7 Chaza uxanduva lokuba ngumdlali. (2)

1.8 Zinto zini ezithi zenziwe ngumqeqeshi kubadlali, ngaphandle kokubaqeqesha? (3)

1.9 Ungazinceda njani uhlale usempilweni? (2)

1.10 Xela izinto zibe zibini ulutsha oluzikhusela kuza ngokuzibandakanya kwezemidlalo. (2)

1.11 Kwakutheni imidlalo yayifudula ingathathelwa ngqalelo luninzi lwabantu? (2)

1.12 Nika isithethantonye seli gama ‘ikheswa’. (2)

1.13 Kheta impendulo echanekileyo kezi zingezantsi:
Eli binzana lithi ‘makubechosi kube hele’, lithetha ukuba …

A Makulalwe.
B Makubekho uxolo nemvisiswano.
C Makusetyenzwe kakhulu.
D Makuthandazwe. (2)

1.14 Chaza ukuba yintoni idemokhrasi. (2)

1.15 Xela okukhuthazwa yinkqubo yedemokhrasi malunga nezemidlalo? (2)

1.16 Leliphi eli qonga liphezulu lezemidlalo ekuthethwa ngalo kwesi sicatshulwa? (2)

1.17 Nika amaqithiqithi abe maBINI afumaneka xa umdlali ethathe inxaxheba kwimidlalo ekwiqonga eliphezulu. (2)

1.18 Yinyani okanye bubuxoki ukuba ukudlala yenye yeendlela athi umdlali ayisebenzise ukukhonza ilizwe lakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.19 Xa umdlali efumene udumo ngenxa yokudlala ngempumelelo ibangela ntoni ebomini bakhe loo nto? (2)

1.20 Yeyiphi eyona nto ayivuyelayo ngakumbi umbhali ayibalule kwesi sicatshulwa? (2)

1.21 Xela ukuba kwavela ntoni eMzantsi Afrika emva kokuphela kocalucalulo? (2)

1.22 Nika iimpawu zibe mbini zomdlali onguwo. (2)

1.23 Xela ukuba kwavela ntoni eMzantsi Afrika emva kokuphela kocalucalulo? (2)

1.24 ITumente zelizwe zizisa tshintsho luni kwelo lizwe zibanjelwe kuzo? (2)

1.25 Ucinga ukuba abadlali baseMzantsi Afrika bakwizinga elinye nabo bamazwe afana neMelika neNgilanane? Chaza. (2)

1.26 Wena uthanda owuphi umdlalo? (1)
[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

Akuvumelekanga ukufotopa eli phepha

ICANDELO B USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngamagama angama-75 ukuya kuma-85.

UMONA

Zithande wena kuqala phambi kokuba ulindela ukuthandwa ngabanye abantu. Zamkele uhlobo odalwe walulo wamkele ezakho iziphiwo, amandla onawo kanti neendawo owa phantsi kuzo zamkele zezakho. Ukuzixabisa kwenza uhlale uzincoma qho ngento nganye oyenzileyo. Zixelele ukuba unako konke okuza kukwenza uphumelele, wonwabe yaye wamkeleke kuluntu luphela.

Sukuzithelekisa, kuba ukuzithelekisa kuzala umona ongapheliyo. Zamkele iindawo owahluka kuzo nabanye. Kaloku ubumele wahluke kwabanye kuba ufana wedwa awufani naye nozalwa naye. Yamkele indawo uThixo akubeke kuyo kuba zikhona izinto abangafikeleliyo kuzo abanye, ube wena ufikelela.

Lungisa ingqondo yakho nendlela ozijonga ngayo wena. Umona ngumkhwa okhula ngaphakathi kodwa ubangelwa zizinto ezibonwayo. Iingxaki onazo ngawe zibeke apha uzixelele ukuba zezakho futhi akakho omnye umntu onokuzinika yena ngaphandle kwakho.

Yiya kanye kwezi zinto uzoyikayo kuba xa umana ukuhlehla ngelithi awunokwazi ukuyenza okanye ukufikelela kuyo, uzakubamonela aba bazincamayo baye, sukuzoyikisela. Xa uziva umncinci kwabo usebenza nabo, khangela le nto ibangela uzive umncinci ulwe nayo, ngokwenza njalo unciphisa ukuhlala kwalo mkhwa mbi kangaka, umona.

Wubambe kangangoko umsindo xa ukufikele ukuze ungabinakho ukuzisola ekugqibeleni. Uqala ngokucatshukiswa yinto ethile oyibone omnye umntu eyenzile okanye enayo suke oko kunwenwele kwenye into. Umsindo ke awupheleli nje ekukhathazeni wena ukuphelelisela nabahlobo. Wenza iimpazamo ezininzi, ezinye ezingaxolelekiyo, mhlawumbi sele uzisola nawe ngoku.

Thetha phandle ngendlela ova ngayo nokunqwenelayo ngomba ongakuphathi kakuhle. Ukusoloko uzichaza into oyifunayo ebomini kwenza kube lula ukucetyiswa nokukhokelwa ngeendawo eziluncedo kuwe. Xa ungumntu othethayo kulula nokuxelela abanye ngoncedo olufumeneyo. Zifumanele umntu ofuna ukufana naye apha ebomini bakho, ukwenzela usoloko usebenzela ukufikelela kwelo qondo akulo.

Zifundise ukusoloko uthetha inyani ngalo lonke ixesha, nyaniseka. Xa unomona zazi ukuba unawo. Uya kuthi ukuze ukwazi ukufuna uncedo, nabantu abanokukunceda kulo mkhwa uzazi futhi uzamkele.

[Sicatshulwe kwincwadi ‘AMAXESHA EMPUCUKO:Sisingise phi na?’ebhalwe nguM.Yekela,amaphepha 8-9, sahlelwa.]

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama -85.

2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.

3. Sebenzisa izivakalisi eziphelelelyo ukubhala iingongoma.

4. Sebenzisa amazwi akho uyakuthathelwa amanqaku ukuba usebenzise isicatshulwa ngobunjalo baso.

5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO B 20

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso silandelayo uze uphendule imibuzo.



linwele nesikhumba esisempilweni

ITLC eluluhlu lwabantwana ineemveliso ezenzelwe abantwana, xa bonwabile ebhafini okanye bezipholele. Ezi mveliso zisilungele isikhumba sabantwana esibuthathaka neenwele ezithambileyo. Zisebenzisa izithako ezinesondlo sendalo eziqinisekisa isikhumba esihlala sigudile sisempilweni, iinwele zithambile kwaye kulula ukuzikama. I-Adcock Ingram iqukumbela ngeemveliso ezinenguqu ezinjengeTLC Nasal Care Wipes kunye neMoist Toilet Paper wipes.

I*BONA* inikezela ngeemveliso zeTLC *hampers* ezili-10 ezixabisa R400 inye.Thumel' igama, idilesi nenamba yefowuni ngepokhadi: *BONA*/TLC Giveaway, PO Box 473014, Parklands, 2121, okanye SMS TLC, igama nedilesi ku-35919.

(Sithatyathwe kwi-BONA kaSeptember 2017iphepha 70 saze sahlelwa)

3.1 Kuthengiswa ntoni kwesi sibhengezo – ntengiso? (1)

3.2 Kunagalelo lini ukusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo ntengiso? (2)

3.3 Siphuhlisa ntoni isihloko sesi sibhengezo ntengiso? (1)

3.4 Esi sibhengezo ntengiso sijoliswe koluphi udidi lwabantu? (2)

3.5 Xela izinto zibe MBINI ezincedwa yile mveliso? (2)

3.6 Nika igama lomzi mvelisi othengisa le mveliso? (1)

3.7 Umbhali wesibhengezo–ntengiso xa esithi,'Ezi mveliso zisilungele isikhumba sabantwana esibuthathaka neenwele ezithambileyo,usebenzise isakhi …

A Sokunyanzelisa abathengi.
B Sokutsotsa abathengi.
C Sokuloba abathengi.
D Sokugxotha abathengi. (2)

3.8 Nika idilesi ekufuneka ubhalele kuyo ukuze uzuze enye yeeHamper zakwaTLC? (2)

3.9 Nika izinto eziMBINI ezifumaneka kwaTLC. (2)

3.10 Nika isichasi segama 'zigudile'. (2)

3.11 Zixabisa malini ezi hamper zakwaTLC? (2)

3.12 Yila esakho isilogan sesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.13 Yeyiphi engakulungela wena kwezi zinto zithengiswa apha? Xhasa impendulo yakho? (2)

3.14 Caphula isivakalisi esijija iingqondo kubathengi kwesi sibhengezo? (2)

[25]

UMBUZO 4 IKHATHUNI

Jongisisa le khathuni ilandelayo uze wandule ukuphendula imibuzo.



[Icatshulwe kwi-intanethi-www.googlecartoon.com, yaze yahlelwa]

4.1 Ngoobani aba bakule veni? (2)

4.2 Nika inombolo esetyenziswa ukutsalela isikhululo samapolisa xa ubika ulwaphulomthetho? (2)

4.3 Khankanya uphawu olubonisa uloyiko kwaba bantu bakule veni? (2)

4.4 Aba bantu bakule khathuni baphila kweliphi ixesha? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.5 Chaza inkangeleko yomntu omfutshane kule khathuni? (2)

4.6 Ucinga kwenzeke ntoni xa ujongile apha? (2)

4.7 Yintoni umsebenzi wamapolisa? (2)

4.8 Igama ‘ubugebenga’ lichaza ntoni , khetha impendulo echanekileyo apha ngezantsi

A Intlondi eyenzekileyo.
B Ulwaphulomthetho.
C Amalungelo amapolisa.
D Ukudlwengulwa kwabantu. (2)

4.9 Ukuba ungazibona ukule meko yaba bantu basevenini, ungenza njani ukuzikhulula kuyo? (2)

4.10 Ingaba esi senzo senza athembeke amapolisa kubahlali beli lizwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.11 Ukuba ubungumphathiswa wamapolisa ubuza kwenzani ngala mapolisa? (2)

4.12 Yintoni injongo yomzobi ngale khathuni? (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 50

ICANDELO D: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

UMBUZO 5: IPROZI

Funda lo mhlomlo ulandelayo uze uphendule imibuzo ebuziweyo**:**

MNCEDE UMNTWANA WAKHO.

Abazali abaninzi bayaphaphazela okanye bakhawuleza bohlwaye. Loo nto ayilungisi ukuziphatha kakubi. Ukuvuyelela kufuneka kulungiswe ngokukhawuleza. “Umntwana kufuneka aqonde ukuba indlela aziphatha ngayo ayamkelekanga kwaye uza kohlwaywa”, utsho uTracy. Abantwana abaninzi ababuqondi **ubunzulu** bokuvuyelela, abazali kufuneka babenze baqonde. Ukwenzela ufumane isicwangciso esilungileyo sokohlwaya, kufuneka ukugxininise ukubaluleka kobuhlobo obuphilileyo nokungavumeli ukulukuhlwa ngoontanga.

“Umntwana kufuneka azi ukuba nokuba sesiphi isizathu esibangela ukuvuyelela, uza kube uzikhethele, kwaye izenzo zakhe ziluxanduva lwakhe. Kufuneka uyixhase indlela isikolo esohlwaya ngayo kwaye ungamkhuseli umntwana, uyaleka emva kokufumanisa unobangela, ukunceda umntwana aqonde indlela entsha eza kumnqanda angavuyeleli abanye kwakhona. Sukumohlwaya ngokumenyelisa, kuba loo nto iza kumfundisa ukuba kulungile ukwenza njalo kwabanye. Kungcono uyilandele le meko kwaye ugcine unxibelelwano lukhona,”uyacebisa uSarah.

Impucuko isizalele imikhwa nemikhuba emibi, nto leyo **esitsho singe singati fuleka mhlaba** singene kukuphathwa ziintloni. Usapho lukaNtu lutshone nozwane kumhadi wokuzibhubhisa **ngobhelu lomsele** kunye neziyobisi. Uyakufika bexhaph’amgwebu betyhola iDemokhrasi xa besenza unothanda kudlalwa ngamalungelo.

[Sicatshulwe kwiBona, 2016,iphepha 24- 26 saze sahlelwa]

5.1 Bhala isifanokuthi segama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi esilandelayo:
Abazali abaninzi bayakhawuleza ukohlwaya. (2)

5.2 Chaza isimamva esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi siphuhlisa ntoni:
Umntw**ana** kufuneka aqonde ukuba indlela aziphatha ngayo ayamkelekanga. (2)

5.3 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo:
Ukuvuyelela kufuneka kulungiswe ngokukhawuleza. (2)

Akuvumelekanga ukufotopa eli phepha

5.4 Sisetyenziswe njani isimelabizo esikrwelelwe umgca kwisivakalisi esilandelayo:
Loo nto ayilungisi ukuziphatha kakubi. (1)

5.5 Loluphi udidi lwesichazi olubhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi esingezantsi:
Abanye abantwana ababuqondi **ubunzulu** bokuvuyelela. (1)

5.6 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi silandelayo:
Ukwenzela ufumane isicwanciso esilungileyo sokohlwaya. (2)

5.7 Fakela izimaphambili ezibini ezohlukeneyo zehlelo 1 nele 8 ze wakhe izivakalisi ngeli gama 'hlobo'. (4)

5.8 Nika izibizo ezifumaneka kwihlelo 4 nehlelo 11 ezifumaneka kumhlathi wesi-3. (2)

5.9 Nika isithetha–ntonye segama 'wokuzibhubhisa'. (2)

5.10 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi:
"Esitsho singe singati fuleka mhlaba." (2)

5.11 Hlahlela ezi zibizo:**Abazali, Indlela , Isizathu**, ukhuphe:

ICEBA	ISISEKELO	INGCAMBU	ISIGQIBELO

(3 × 4) (12)

5.12 Chaza ukuba isimelabizo u 'Loo' uwela kweziphi, khetha apha ngezantsi:

A Isimelabizo soquko.
B Isimelabizo sokukhomba.
C Isimelabizo soqobo.
D Isimelabizo soqobo sokugxininisa. (2)

5.13 Xela ukuba isakhi esibhalwe ngqindilili sisetyenziswe njani kweli gama:
… isizalele imikhwa nemikhuba **emi**bi. (2)

5.14 Chonga igama elisisichazi kumhlathi wesi-3 uze uxele nodidi lwesichazi eso. (2)

5.15 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi:
Ubhelu lomsele …

A Kukuthetha kakhulu.
B Ngu C no D
C Butywala
D Kukubhebhetha. (2)

[40]

MBUZO 6:

Funda esi sicatshulwa, esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso**:**

Xa uvuka, yonke imihla kufuneka uhlambe idlanza zakho kunye namazinyo. Nxiba iimpahla zakho zokwenza imithambo. Ngena endleleni kuba ukwenza imithambo kukugcina usempilweni. Ziphathele amanzi ngebhotile kunye nelaphu lokosula umbilo. Xa usenza imithambo zithi iingcali zogqirha akubi lula ukuba uhlaselwe zizifo ezifana nemikhuhlane nengqele. Naxa unentsholongwane eyandulela ugawulayo ucetyiswa ukuba wenze imithambo.

Ndigule kakhulu kulo nyaka uphelileyo ndade ndazincama ndaya kugqirha. Ndandikhohlela ndinobushushu obumangalisayo. Ebusuku ndandibila ndibe manzi toxo ndaye ndibhitye ndingumcinga. Ndandisitsho ngokhohlokhohlokazi olunditheza amandla. Loo nto yayindinyanzela ukuba ndivuke nditshintshe iimpahla zokulala kabini ngobusuku obunye. Ndandisoyika ukuya kubonana nogqirha kodwa ekugqibeleni ndaya ze ndaxelelwa ukuba ndihlaselwe sisifo sephepha, iTB ngolwasemzini. Emva kokuhlolwa kwezikhohlela zam, ndaqalisa ukusela iipilisi ekuthe emva kweeveki nje ezimbini ndawubona umahluko.

Isifo somhlaza sihlasela wonke umntu, asinandoda namfazi namntwana. Imvelaphi yesi sifo ayichaneki ncam kodwa oogqirha bazame amatyeli amaninzi bebuya ze, kodwa abayekanga basaqhuba nophando. Likho ithemba lokuba ekugqibeleni boza nelona chiza lililo lokunyanga lo mbulalazwe.

[Sicatshulwe kwincwadi isiXhosa nguMdiliya,ebhalwe nguF.Sotashe iphepha 24saze sahlelwa]

6.1 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi silandelayo:
Xa uvuka, yonke imihla kufuneka uhlambe idlanza zakho kunye namazinyo. (2)

6.2 Xela ukuba eli gama lingqindilili kwesi sivakalisi singezantsi ukuba lisetyenziswe njani:
Nxiba iimpahla **zakho** zokwenza imithambo. (1)

6.3 Nika amahlelo ezi zibizo zilandelayo kunye nezimaphambili zazo:

A Isifo.
B Umntu.
C Iimpahla.
D Iipilisi. (8)

6.4 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo:
Ndigule kakhulu kulo nyaka uphelileyo ndade ndazincama ndaya kugqirha. (2)

6.5 Izimamva ezibhalwe ngqindilili kula magama zibonisa ntoni?

6.5.1 Ndandisitsho ngokhohlokhohlo**kazi** olunditheza amandla.

6.5.2 Ndandisoyika ukuya kubon**ana** nogqirha.

6.5.3 Loo nto yayindinyanz**ela** ukuba ndivuke nditshintshe kabini.
(3 × 2) (6)

6.6 Nika isimo sobukhomokazi beli gama ‘indoda’. (2)

6.7 Bhala esi sifinyezi ngokugcweleyo seli gama ‘TB’. (2)

6.8 Chaza ukuba iceba lishiywe kweyiphi imeko kwesi sivakalisi:
Loo nto yayindinyanzela ukuba ndivuke nditshintshe. (2)

6.9 Bhala eli gama libhalwe ngqindilili libe kwimo evumayo:
Kodwa **abayekanga** basaqhuba nophando. (2)

6.10 Bhala isithethantonye seli gama ‘ichiza’. (2)

6.11 Guqula esi sivakalisi esingezantsi sibe kwingxelo–ntetho:
Umguli uthi, “ebusuku ndandibila ndibe manzi toxo, kwaye ndandibhitye ndingumcinga”. (2)

6.12 Nika isichasi seli gama ‘lula’. (2)

6.13 Yakha iqhalo okanye isaci ngesi sibizo ‘ubusuku’. (2)

6.14 Kwesi sivakalisi silandelayo, isimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi sikoluphi udidi:
Isifo somhlaza sihlasela <u>wonke</u> umntu. (2)

6.15 Sebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli osinikiweyo ukuhlanganisa ezi zivakalisi zibini zilandelayo:
Imvelaphi yesi sifo ayichaneki ncam.
Oogqirha bazama amatyeli amaninzi okusilwa.(kodwa) (3)
[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 80
AMANQAKU EWONKE: 200